



Office of the Principal and Vice Chancellor

NJINGALWAZI MANDLA MAKHANYA

ISEKELA NGQONYELA NENQUNUNU

YEYUNIVESITHI YOMZANTSİ AFRIKA

INTETHO YOLWAMKELO NOKUVULA

**Intetho Yonyaka Yesikhumbuzo sikaSteve
Biko ye-19**

**14 KweyoMsintsi 2018, eZK Mathews Great Hall,
eUnisa**

- Ohloniphekileyo uMongameli Cyril Ramaphosa, uMongameli weRiphablikhi yoMzantsi Afrika
- Nksk. Zanele Mbeki, owayesakuba Linenekazi Lokuqala leRiphablikhi yoMzantsi Afrika
- Mphathiswa Naledi Pandor, uMphathiswa weMfundu Ephakamileyo Noqepeqsho
- Nkosi Patekile Holomisa, uSekela Mphathiswa wezeMisebenzi
 - Mnu. Andries Nel, uSekela Mphathiswa Wolawulo Lwentsebenziswano neMicimbi yeNkcubeko (*Cooperative Governance and Traditional Affairs*)

- Nks. Tembi Majola, uSekela Mphathiswa wezaMandla
- Mnu. Mondli Gungubele, uSekela Mphathiswa weQoqosho
- Mnu. Trevor Manuel, uSihlalo waseOld Mutual Limited nowayesakuba nguMphathiswa wezoQoqosho, kunye noNks Maria Ramos
- Mnu. Sakhi Simelane, Sihlalo weSigqeba saseUnisa noNksk. Simelane, nawo onke amalungu akhoyo eSigqeba saseUnisa
- Nksk. Mandu Makhanya
- Nksk. Nontsikelelo Biko
- Mnu. Nkosinathi Biko, Umsunguli Nethenjwa Eliphezulu lequmrhu iSteve Biko Foundation, noNksk. Sello Biko, namanye amalungu akhoyo osapho IwakwaBiko
- Ohloniphekileyo uMmeli-sizwe (*UMmeli-sizwe*) uBene M'Poko, UMMeli-sizwe weRiphablikhi Yedemokhrasi yaseCongo (*Democratic Republic of the Congo*) noMlawuli wamabutho ozakuzelwano noMzantsi Afrika (*Dean of the Diplomatic Corps to South Africa*).
- Abahloniphekileyo, Abameli-sizwe nabanye abamele amazwe abo abakhoyo apha:
- **Abahlonitshwa:**
 - **Nkosi Zanelizwe Dalindyeb**
 - **Nkosi Xhanti Sigcawu**
 - **Nkosi Ahlangene Sigcawu**
 - **Nkosi Mziwoxolo Tyhali**
 - **Nkosazana Mandlakazi Sigcawu**
 - **Nkosana Patrick Ntsobi**
- Mnu. Ishmael Mkhabela, uSihlalo weSteve Biko Foundation, noNksk Mkhabela, namanye amalungu equmrhu leSteve Biko akhoyo
- Gqirha Brigalia Bam, uSihlalo wequmrhu iThabo Mbeki Foundation, namanye amalungu eli qumrhu akhoyo

- Amalungu oLawulo Olophezulu Lweyunivesithi nawolawulo olongezelelwego
- **Ababesa kubamba izikhundla zolawulo Iweyunivesithi:**
 - uJaji Bernard Ngoepe, Owayesakuba yiNgqonyela yeUnisa nowayesakuba yiJaji enguMongameli kwiNkundla Ephakamileyo esemNtla nesemZantsi Gauteng, noNksk. Daphne Ngoepe, namanye amalungu omthetho akhoyo
 - uNjingalwazi Barney Pityana, owayesakuba yiNqununu yaseUnisa noSekela Ngqonyela, noNksk. Dimza Pityana
 - uNjingalwazi Neo Mathabe, Owayesakuba nguSekela Ngqonyela noNjingalwazi eUnisa
- Abameli abasuka koorhulumente bakazwelonke, obamaphondo, nobeendawo kunye namaziko akhoyo aziwa ngokuba zii*Chapter 9 institutions*
- Abameli abasuka kumaziko ahlukeneyo emfundo, imibutho namaqumrhu akhoyo
- Amalungu eenkonzo zakwaLizwi akhoyo
- Abameli abasuka kumaqela ahlukeneyo ezopolitiki abakhoyo apha
- Amalungu emibutho yezoqoqosho akhoyo apha
- Amalungu omphakathi weYunivesithi akhoyo apha
- Abameli bemibutho yabafundi eyahlukeneyo ekhoyo apha
- linkokheli zemibutho yethu iSRC neeSRC zeeyunivesithi esisebenzisana nazo
- linkokheli zemibutho yabasebenzi eqingqiweyo ezsuka eUnisa nakwilizwe lethu
- Abameli abasuka kwimizi ngemizi yosasazo lweendaba

- Amalungu abalulekileyo ale nginginya
- Manenekazi nani manene

Egameni leYunivesithi yoMzantsi Afrika neqabane lethu iqumru eliyi Steve Biko Foundation, ndiyavuya ukunamkela kule ntetho yonyaka iyimbali, i *Steve Biko Annual Memorial Lecture* ye-19 ngokuhlwa nje. Sinamkela nonke ngomoya wobuntu bobu Afrika.

Qho ngonyaka siba nazo ezi ntetho zibalulekileyo. Ilizwe lethu nehlabathi ngokubanzi ziyaqaphela kwaye zithatha inxaxheba apha naphaya ekukhumbuleni eli qhawe lomfo okrelekrele lomzabalazo, u Steve Biko. Le nto isixeleta ukuba yena wayengowosapho Iwakhe, engowomphakathi, engowombutho – engowethu sonke – kwaye ubomi bakhe bububungqina bokuba ilifa lakhe alinakuze liphelelwe lixesha.

U Steve Biko wayengomnye wabantu ababephambili ekulweni norhulumente wocalucalulo. Ubukhulu bakhe bungqinwa kukuba nangona sekudlule iminyaka engamashumi amane wabulawa, ilizwi lakhe lisakhenkceza kwizizukulwana ngezizukulwana, lidala iincoko neengxoxo mpikiswano kwilizwe lethu, kwilizwekazi lethu nakwihlabathi liphela.

Ngoko ke, nakuqonda xa ndithi ndiziva ndinochulumanzo xa ndibulela usapho Iwakwa Biko ne Steve Biko Foundation ngentsebenziswano ethe yenza ukuba le ntetho ibaleluekileyo yesikhumbuzo ikhule ngokukhula. I Unisa inovuyo ngokudlala indima ekukhuleni nasekukhuthazeni izimvo zika Steve Biko zokuzazi njengomntu omnyama. (*Black Consciousness ideology*). Oku sikwenza ngokufikelela emiphakathini nangeenkqubo zokusebenzisana. Kusapho Iwakwa Biko nakwi Biko Foundation, siyaphinda sithi isisa senu somoya nokuzinikezela kule ntsebenziswano siya kusoloko

sibukwa kwaye sihlonitshwa.

Xa ndisitsho manenekazi namanene, ingaba yimposiso kum, ukuba sithi xa sidibene apha ngokuhlwa nje, sizokukhumbula iminyaka engama-41 emva kokubulawa ngokumasikizi kukaSteve Biko, ndinganikhumbuzi ngamanye amagqala omzabalazo asandul'ukulishiya eli, njengoMama Zondeka Sobukwe, Mama Winnie Madikizela-Mandela, Bra Hugh Masekela, Mphathiswa Zola Skweyiya, Njingalwazi Willie Kgosietsile, UMmeli-sizwe George Nene, umfoti omkhulu uBawo Sam Nzima nawo onke amanye amaqhawe omzabalazo athe asishiya kulo nyaka uphelayo. Baninzi kakhulu, kwaye le nto ilusizi ngokwenene. Kwakhona, yiminyaka emashumi mane walandulelayo eli uBawo Robert Mangaliso Sobukwe kanti ilishumi iminyaka wasishiya uMama Miriam Makeba. Elowo nalowo kula magama ndiwakhankanyileyo ufanele ukusikhumbuza ukuba inkululeko asiyifumananga lula. linkokheli zininzi zatsala nzima kwaye zazitshutshiswa; abaninzi bahlawula elona xabiso linzima, nto leyo yakhuthuza iintsapho zabo, yabahlutha ootata, oomama, oomalume, oomakazi noodadobawo, oonyana neentombi.

Njengokuba sidibene apha nje, sikwakhunjuzwa ngekhulu leminyaka eliphawula ubomi obungalibalekiyo bukaMama Albertina Sisulu noMongameli Nelson Rolihlahla Mandela abebeya kubhiyozela iminyaka eli-100 bazalwa. Quite fittingly, it coincides with Unisa's celebration of its move from Cape Town to Pretoria in 1918. Onke la magama ndiwakhankanyileyo – namanye amaninzi kakhulu – ngawezithwalandwe eziphawule uhambo lwethu olungenambaliso nemizamo yethu engapheliyo yokufuna ubulungisa kwezentlalo.

Njengokuba silapha ngokuhlwa nje, sisezingqondweni zemingeni enzima yezentalo-qoqosho esijongene nayo namhla, nemeko yehlabathi egexayo esizifumana sikuyo. Njengelizwe, simi ekuphambaneni kweendlela, siqonda ukuba izigqibo esizithathayo, singabanye okanye Sisonke, ziya kwalatha indlela eya kuhanjwa lilizwe lethu kwaye ziya kuxelela ihlabathi ukuba sinomdla okanye asinamdla na, siyakwazi na ukufezekisa izithembiso zenkululeko yethu nedemokhrasi. Umxholo ofanayo namazwi aphuma kwiyyunivesithi zethu, izixeko, iilali, iiokishi, iifama, nemizana engekho sikweni, athi asinakubuthathela phantsi ubulungisa bezentlalo siza sithathele phezulu uxolelwaniso; enyanisweni ezi zinto zombini zihamba kunye. Xa wayesenza iNtetho ekuthiwa yisika Nelson Mandela Lecture ngowama- 2010, uAriel Dorfmann wayibeka ngobuchule indlela esibunxanelwe ngayo ubulungisa bezentlalo xa wathi, “[Thina] asingekhe siwucime umonakalo wexesha elidluleyo kodwa kufuneka sisebenze nzima sicime umonakalo ongekenzeki. Kufuneka sibonakalise ngezenzo zethu zangomso ukuba sifunde lukhulu kwizoyikiso nezono zexesha elidluleyo.” “[We] cannot undo the damage of the past but must strive instead to undo the damage to the future. We must prove in our actions tomorrow that we have learned from the terrors and sins of yesteryear.”

Njengokuba siqhubela phambili nomsebenzi wethu wokwakha isizwe nje, kufuneka sikhumbule ukubaluleka okungaphelelwayo kwezimvo zikaSteve Biko zokuzazi njengomntu omnyama. Ezo zimvo zazinakana ixabiso elisindisayo elimenza umntu nelinika amandla elenziwa kukuzazi ukuba ungubani, nokuba esi sesona sixhobo sinamandla sokukhuthaza nokutyhalela uluntu kwinjongo yokwakha isizwe. Ezo zimvo zazikwenzelwe ukuba zisithunuke thina babbali bekamva lethu nabakhokeli bohambo oluya

kwelo kamva.

Wena Ohloniphekileyo, Mongameli Ramaphosa, wena usesihlalweni sokuqhuba kwiriphabhlikhi yethu kwaye sonke sisebenzisana nawe njengoko usithundeza kule ndlela. Sizinikele ekujonganeni nasekoyiseni yonke imingeni yethu. Ngoko ke kufaneleke kangangoko ukuba sive kuwe ngokuhlwa nje, ngakumbi kuba ulovo lokuzazi komntu omnyama, *iBlack Consciousness* ngolwasemzini, yayiyinxalenye yelifa lakho kwezopolitiki kwiminyaka yobutsha bakho kumzabalazo wezopolitiko.

Ukutsho oko ke zindwendwe ezibekekileyo, manenekazi namanene, ndiyanimema nonke nina bakhoyo apha, nani nina niyibukele kumajelo ethu onxibelewano aphucukileyo le ntetho, ndinimemela ukuba nibe kunye nam ekwamkeleni Ohloniphekileyo, uMongameli Ramaphosa, ukuze asithathe, ahambe nathi kuhambo lokucinga ngemva kule ntetho yesikhumbuzo ye-19 yonyaka, *iAnnual Steve Biko Memorial Lecture*. Kwanga kungaqla isiyolo sezimvo ukuze ukuthethana kuqhubeke ngempumelelo ngaphaya kwale holo!

Ndiyabulela